URhulumente weNtshona Koloni
EzeMfundo

ICandelo leKharityhulam ye*FET*
(kubandakanywa ne-e-*learning*)

Isalathiso: 20160115-6582
14/2/3
Imibuzo: CJ Banda

INgcaciso eMfutshane yeCandelo leKharityhulam ye*FET*: DCF 0003/2016

IYA: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoQuquzelelo neNgcebiso ngezeKharityhulam, kuBaphathi beeKomiti zeeSekethe, kwiiNtloko zoQuquzelelo neNgcebiso ngeze-*IMG*, kuBaphathi beze-*IMG*, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli boVavanyo, kuBacebisi beZifundo, kwiiNtloko zamaziko anabafundi bamaBakala 10-12, kwiiNtloko zeZifundo zesi-Afrikansi nakootitshala besi-Afrikansi bamaBakala 10 -12

**ISihloko: ISimpoziyam ye-*LOK ka*-2016 yootitshala besi-Afrikansi uLwimi lweeNkobe nabesi-Afrikansi uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo (bamaBakala 10 – 12)**

1. I-*Letterkundeondersteuningkomitee (LOK)* imema bonke ootitshala besi-Afrikansi bamaBakala 10 no-12 ukuba beze kwiSimpoziyam ka-2016 eya kuba **ngoMgqibelo we-20 Februwari 2016** ukuqala **ngo-8:00 - 14:30 eDurbanville High School** eDurbanville.

2. Eyona njongo iphambili yale simpoziyam kukunika inkxaso ukufundiswa koncwadi kodwa kuya kugxininiswa ngamandla kwezinye iinkalo zezifundo ezifana nokubhala negrama.

3. Iprogram yesimpoziyam iya kufumaneka kwiziko lewebhu leSebe leMfundo leNtshona Koloni *(WCED)* phantsi ko-:*Curriculum Development*, http://www.wcedcurriculum.westerncape.gov.za we-22 Januwari 2016. Klikha ku-"*FET: Further Education and Training*"; khetha u-"*Languages*" kwi-*drop-down menu*; emva koko ukhethe u-"*Afrikaans*"; uze uklikhe ku-"*Downloads*"; ukhethe u- "*Onderwysbronne*".

4. Intlawulo yokubhalisela iSimpoziyam ka-2016 yi-**R100** kootitshala ukuze ibe yi-**R75** kubafundi abasisigxina. Abantu abanomdla bangayidipozitha le mali kwi-akhawunti **yetshekhi** ye-*LOK* ***eNedbank***, kule nombolo ye-akhawunti: **1089131240**. Iitshekhi mazenziwe zibe zezihlawulwa kwi-*LOK*. Kucelwa usebenzise esi shunqulelo "*LOK*" negama lesikolo esichaphazelekayo njengesalathiso (*reference)* xa ufaka idipozithi yakho. Abacebisi bezifundo zesi-Afrikansi ne-*Department of Afrikaans and Nederlands*

kwiYunivesithi yase*Western Cape,* baya kuthwala uxanduva lwamalungiselelo olawulo nokuqhubeka kweSimpoziyam ye-*LOK*.

5. Abalindeleke ukuba bathathe inxaxheba mabazalise le fom yokubhalisa iqhotyoshelweyo (isiHlomelo A), baze bayithumele ngefeksi kunye nobungqina bentlawulo ku-**Nks Janine Pekeur weYunivesithi yase*Western* *Cape*** kule nombolo yefeksi **021 959 1249** ungadlulanga owe**-5 Februwari 2016**. Xa ufuna ukunxibelelana noNks Pekeur, sebenzisa le nombolo yakhe yomnxeba : **021 959 2112** okanye usebenzile idilesi yakhe ye-imeyile: lokfeb@2015@gmail.com. Niyakhunjuzwa kwakhona ukuba nisebenzise esi shunqulelo "*LOK*" negama lesikolo esichaphazelekayo njengesalathiso.

6. Ootitshala abahamba umgama we-250 km okanye ngaphezulu (uhambo lokuya okanye olokubuya kuphela) kwisimpoziyam baya kubuyiselwa ngeehambo zabo ngokweentlawulo neenkqubo zeSebe i*WCED*. (Makufundwe iziHlomelo B - D malunga neefom zokugunyazisa uhambo *(trip authority forms))*. **Bonke** ootitshala abafaka amabango eendleko zohambo bayacelwa ukuba bazalise ifom ye*BAS* (isiHlomelo D) kwibhanki echaphazelekayo. Banokwenza ibango lesithuthi esinye ngesikolo ngasinye kuphela ngohambo.

7. Ukunceda abaququzeleli beSimpoziyam ye-*LOK*, bayacelwa ootitshala ukuba babambelele kule mihla ibekiweyo yobhaliso. Akuyi kwamkelwa zicelo zifike emva kwexesha.

8. Kucelwa wazise ngokuqulethwe kule ngcaciso imfutshane bonke abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-PAD BEETS
**USEKELA MLAWULI-JIKELELE OBAMBELEYO WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO**
**UMHLA:** 2016-01-26